

### **Umfikazi u Mrs. Naniwe Wauchope**

*Aba ngabavela kwimbandezelo etikiilu, bazihlambile ingubo zabo bazenza mhlope egazini le Mvana. - Izityilo vii, 14*

Iveki yokuqala yalomnyaka yiveki engasayi kufumane ilibaleke emazulwini. Isizatu soko, kute kwavakala ukuba kuk' umntu womhlaba oyakubizwa kwa kamsinya nje ukuba aze kongeza inani lezitunywa zezulu. Umkosi omkulu wamazulu ukankanya igama lika Naniwe, umolokazana ka Citashe into ka Dyoba um Cete wakulo Jingqi. Ite inxalenye isiti: lomfazi uyakutinina ukubizwa esepakati kwembandezelo ezingaka nje zomhlaba? Yati impendulo: "Nguyena kanye ufunekayo ke ngezizatu ezibini: (1) Nguyena selecociwe zimbandezelo ezo, (2) kokona wopumla ezintsizini zake. Kwaba kuyapela njalo; savakala okunene isitonga! Wangcwatywa kanye kwi Cawa yokuqala emva kwe Epifani. Wanduluka udade Naniwe wasishiya ngomhla wesi 7 enyangeni leyo.

U Naniwe yintombi kaJohn Lukalo yakwa Majola (um-Mpondomisekazi). Ubonene nonyana ka Dyoba lo emfundweni e Lovedale; batshatiswa ngu Rev. Paterson, e Tinara (Uitenhage), nge 9 April, 1878; bafundise bobabini nendoda e Tinara apo. Ite indoda ekuyeni kutolika kwi Ofisi yemantyi e Bhayi, yaya kufundisa lenkosikazi kwisikolo kwa sama Rabe e Bhayi apo, ipantsi kwento ka Xiniwe esisayililelayo. Ukusuka apo ize kwase Lovedale ngo August 1890, ngexesha indoda yayiza kufundela ubufundisi. Kute ngo February 1892, baya kuqala umsebenzi e Singhenqheni kwinxowa lika Maqoma, - apo ke kuse Bhofolo.

Iqale apo ke intokazi yasemzini ukuzibalula pakati kwabafazi. Imisebenzi yayo ndingayishiyela kumntu ngamnye ukuba aziketele abekolwa nguwo kuba ibimininzi. Kute kukwintlanganiso zabafazi bomtandazo, nezo Manyano Lwabafazi, kute kuse zi Tempileni nama Qela Etemba, ndingasateti ngezikolo ze Cawa, yabamba ihlelo kwa kupela intokazi yakwa Majola.

Amakwenkwe ake amane nentombi ezintatu zazise zimandulele; namhla uyakubonana nabo kumzi Opezulu.

Njengom *Krestukazi* u Naniwe, ute akubona umsebenzi ungemhle e Bhofolo, wabhala wasingisa ku Rev. W.B. Rubusana ukuba ake enyuke umhlaumbi angawenza umzi uzole,

okwenene umfundisi lowo wase Monti ube netuba elitile ehamba kuleramente, exakwe ngumvangeli wake u Mr.Jno.Jorah.

*Njengomfazi* makwenele xa nditi: “Ibikolose ngaye indoda yake.” Indlela yake yokuqeqesha njengomnikazi mzi, u Jno.Jorah ubedla ngokuti kum basembalwa abafazi abanjalo.

Njengomtandi we *Nqubela Pambili* umka eshiya iziqamo zayo. Ngo Nokoleji usebenze kwindawo ngendawo, (ngabula yena), “ndisika ingca, kuba ingumsebenzi wabafazi xa kwakiwayo,” okunene watsho ngomsebenzi onamagaqa.

*Ngobuhlanga*, tina ma Xhosa besingxeka sisiti yi Mfengukazi ezamana ilukuhlana nomntaka Dyoba. Ama Mfengu ngelawo icala ebemtata njengentombi yasebu Nguni. Yena ngokwake akazange enze nelimdaka lokuzihlangula nakulipina igama. Ubesitsho futi kum ukuti lulwendiselano lwezintlanga zimnyama into eyakwenza ukuba lupele olucalulwano lungaka ngobuhlanga.

Ndimngqibele ngo 1909 esendlwini yam, mhla ndandimlindele, kunye nomfo wakowetu kwami, suka yena wafika namakosikaz’ amabini endandingawazi, wandenza ukuba ndiwalungiselele nawo kakuhle kwanje ngaye. Idlaka lake likokelwe ngabafundisi abatatu; U Rev. P. J. Mzimba (we Presbitari), Rev. D. Maigas (we Tshetshi) no Rev. S. Kakaza (wase Wesile). Le vesi ndiyibhala ngasentla apa kuyavakala ukuba iziteti zazigquba pezu kwayo ngalo Cawa.

Ukutsho ke Mhleli nani bafundi:

Andihlabeli sililo,

Andisemntu wakulila;

Ndenza nje imiqelana

’Z idlaka libe nombalo.

Namhla sishiywe ngumfazi

Umzi wetu upalele.

Limkil’ elogorakazi

Sesisele sinkangana.

Taruni makosikazi

Nonke nonke jikelele:

Ndiqala kwawase Kapa

Nasentla kweli Pezulu,

Qwe-qwe-qwe ndiye kwa Zulu

Ndimanzan' anyembezana.

Sishiywe ligorakazi

Sesisele sinkangana.

Kufike umtet' ongqongqo

Wati "Shiya gxavalala,

Ezenkedama zishiye.

Lomfo ka Dyoba inshiye,

Umshiye engek' ekaya.

Senobonana pambili."

Lagoduk' igorakazi

Sesisele sinkangana.

Shiya yonke leramente

E Gqugesu nase Xesi;

Nomtandazo wabafazi

Ne Tempile nabe Temba;

Wafik' ulibhaxenge,

Goduk' use kwasikwili.

Landuluk' igorakazi

Sesisele sinkangana.

Ngange bendinenyembezi

Ma-Krestu akowetu,

Kunamhlanje ngendilila

Ndinipalaza entloko.

Ndakucinga e Bhofolo,

Ndakucinga kwa Wokopu,

Lihambil' igorakazi

Sesisele sinkangana.

Ewe kambe ndiyapeza

Ndiyiyeke lemigcana;

Hleze kutiwe ndalila

Ndingasemntu wakulila;

Xolani ke zinkedama.

Xola ke mzi wama Cete.

Litshatil' igorakazi

Sesisele sinkangana.

Akuhlanga lungehlanga

Mhlamb' omkulu wama Krestu;

Akuhlanga lungehlanga Basi,

Gresi, no Jubulu;

Akuhlanga lungehlanga

Rev. Isaac Wauchope.

Sizigusha zokuxhelwa

Uhambo lunati ngomso.

Hamb' ugoduke Majola

Ngalomgca bendikukapa;

Zendibuye ejoredane

Ndibonele oziqwelo,

Namaxilongo egolide

Akuputum' emlanjeni.

Nam ndiza kuhle ndifike

Ndibuse kweli Pezulu.